

# THINA, BANTU BASEMZANTSI-AFRIKA

SIYAZIQONDA IINTSWELA-BULUNGISA  
ZEXESHA ELIDLULILEYO, SIBOTHULEL' UMNQWAZI ABO BAYE BEV' UBUNZIMA  
UKUZE KUBEKHO UBULUNGISA NENKULULEKO ELIZWENI LETHU, SIYABAHLOPELA  
ABO BAYE BASEBENZELA UKWAKHA NOKUPHUCULA ILIZWE LETHU, KWAYE  
SIKHOLELWA KWELOKUBA UMZANTSI-AFRIKA NGOWABO BONKE ABANJALA KUWO  
BEMANYENE NANGONA BENGAFANI.

NGOKO KE, NGABAMELI BETHU ABANYULWE NGOKUKHULULEKILEYO, SAMKELA  
LO MGAQO-SISEKO NJENGOMTHETHO OWONGAMILEYO WERIPHABLIKHI UKUZE:

**KUNGCIBEKE IMISANTSISA YEXESHA,**  
KWAKHEKE NOLUNTU LWENTANDO YESININZI, UBULUNGISA  
BASENTLALWENI NAMALUNGVELO OLUNTU ASISISSEKO,

**KWANDLALWE IZISEKO ZOLUNTU**  
LWENTANDO YESININZI NOLUKHULULEKILEYO APHO  
URHULUMENTE ENGOWENTANDO YABANTU & UMMI  
NGAMNYE EKHUSELWE NGUMTHETHO NGOKULINGANAYO NABANYE,

**KUPHUCULWE UMGANGATHO WOBOMI WABO**  
BONKE ABEMI, KUKHULULWE NOMNTU NGAMNYE AFIKELELE KWELONA  
NQANABA ANOKUFIKELELA KULO LOBUCHULE BAKHE, KANANJALO

**KWAKHIWE UMZANTSI-AFRIKA OMANYENEYO**  
WENTANDO YESININZI OKWAZIYO UKUTHABATHA INDAWO YAWO ONELUNGVELO  
LAYO NJENGELIZWE ELIZIMELEYO KUSAPHO PHAKATHI KWAMANYE AMAZWE.

NGAMANA UTHIXO ANGABAKHUSELA ABANTU BAKOWETHU. NKOSI SIKELEL' IAFRIKA.  
MORONA BOLOKA SETJHABA SA HESO. GOD SEËN SUID-AFRIKA. GOD BLESS SOUTH  
AFRICA. MUDZIMU FHATUTSHEDZA AFURIKA. HOSI KATEKISA AFRIKA.